

Iminikelo Yombulelo



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:

Mat. 6:19–21; Eph. 2:8; 1 Pet. 4:10; Luka 7:37–47; 2 Kor. 8:8–15; 2 Kor. 9:6, 7.

Indima Yenkumbulo:

“Kuba wenjenje uThixo ukulithanda kwaKhe ihlabathi, ude wancama uNyana waKhe okuphela kwamzeleyo, ukuze bonke abakholwayo kuYe bangatshabalali, koko babe nobomi obungunaphakade” (Yohane 3:16).

UThixo wethu unguThixo ophayo; le nyaniso ibonakala kumbingelelo onamandla kakhulu kaYesu. “Kuba wenjenje uThixo ukulithanda kwaKhe ihlabathi, ude wancama uNyana waKhe okuphela kwamzeleyo, ukuze bonke abakholwayo kuYe bangatshabalali, koko babe nobomi obungunaphakade” (Yohane 3:16). Okanye kule ndima: “Ukuba ke ngoko nina, ningendawo nje, niyakwazi ukubapha abantwana benu izipho ezilungileyo, wobeka phi na ke yena uYihlo wasemazulwini, ukugqithisela ukubapha uMoya Oyingcwele abo bamcelayo!” (Luka 11:13).

UThixo uyapha, aphe, aphe; sisimilo saKhe. Ngoko ke, thina bafuna ukubonakalalisa eso similo, sidinga ukuba nathi siphe. Kunzima ukucinga ngempikiswano engako ukuba nzulu ngokweemeko ezingezizo ezo “zomKristu onomona.” Indlela esinokupha ngayo oko sibe sinikwe kona kungeminikelo. Iminikelo yethu iveza ithuba lokubonisa umbulelo nothando. Ngemini uYesu esamkela abahlangulweyo ezulwini siya kubona abo bamkela ubabalo lwaKhe, siqonde ukuba oko kwamkela kwenziwa kwaba nako ngeyethu iminikelo yokuzibingelela. Kule veki siza kuqwalasela amacala abalulekileyo eminikelo. Ukunikela ngesisa kuthetha ukuphila ukhohlo lwethu, ixesha, okanye italente, iyindlela enamandla yokuphila ukhohlo lwethu nokutyhila isimilo sikaThixo esimkhonzayo.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSababatha kaMatshi 3.*

“Apho Ubutyebi Bakho Bukhona”

Funda: Mateyu 6:19–21. Nangona siqhelene nezi ndima, singakhululeka njani phofu kwisandla esinamandla sezinto zehlabathi esithi sibanjwe siso? Bona umaKol. 3:1, 2.

“Kuba apho bukhona ubutyebi benu, yoba lapho nentliziyo yenu” (Mat. 6:21) sisibheno esiphuma kuYesu. Ubukhulu obupheleleyo bale ntetho bunokubonakala kwiindima ezimbini ezingaphambili, ezichasana nokufumba ubutyebi bethu emhlabeni endaweni yokubugcina ezulwini. Amagama amathathu achaza umhlaba: inundu, umhlwa, namasela (bona uMat. 6:19), onke akhomba kwinto yexesha nedlulayo, ubutyebi bethu basemhlabeni obuyiyo. Ngubani ongayaziyo indlela izinto zasemhlabeni ezikhawuleza ngayo ukuthi shwaka? Emhlabeni yonke into ayizinzanga, ayiqinisekanga, ayikhuselekanga; ijongene nokubola, nentshabalalo, nokubiwa, nokulahleka. Izulu alifani noko: yonke into ingunaphakade, iyahlala, ikhuselekile, kwaye ayibhangi. Ezulwini akukho lahleko.”—C. Adelina Alexe, “Where Your Heart Belongs,” in *Beyond Blessings*, edited by Nikolaus Satelmajer, (Nampa, Idaho: Pacific Press Publishing Association, 2013), p. 22.

Khangelisa izinto onazo. Nokuba zimbalwa kakhulu, kungekudala uninzi lwazo ziza kulahlwa. Into enokusala bubundlalifa. Igosa elilumkileyo limele ukuzixakekisa ngokubeka ubutyebi ezulwini ukuba bugcinwe khona. Apho, ngokungafaniyo nalapha, akukhathazeki ngokutshona, amasela, okanye nabaqhekezi. UMateyu 6:19–21 uneengcinga ezibaluleke kakhulu ezingobugosa. Ubutyebi bakho buyatsala, bulwe, bunyanzele, bufune ngenkani, bulobe, bulangazelele ukulawula intliziyo yakho. Kwilizwe lezinto, intliziyo yakho ilandela indyebo yakho, kuthi apho indyebo yakho ikhona, ihlale loo ndawo ibaluleke kakhulu. Okona siqwalasela kwiintswelo neenzuzo, okona kunzima ukucinga ngezinto zasezulwini. Ukuthi siyakholwa kuThixo kodwa sibe sizigcinile iindyebo zethu apha emhlabeni kukuhanahanisa. Izenzo zethu kufuneka zivumelane namazwi ethu. Ngamanye amazwi, sizibona iindyebo zethu apha emhlabeni ngamehlo, kodwa kufuneka siyibone iminikelo yethu njengeendyebo zethu ezisezulwini ngokholo (2 Kor. 5:7). Nangona, phofu, kufuneka sithi ngendlela ephathekayo, sizilungiselele izidingo zethu [nokuhlala phantsi], kubalulekile ukusoloko sinomfanekiso omkhulu, unaphakade engqondweni.

Funda: Hebhre 10:34. Linqaku elithini elibalulekileyo uPawulos alivezayo apha ngokuthelekisa indyebo esemhlabeni nendyebo esezulwini?

Amagosa Obabalo LukaThixo

Ngokwabase-Efese 2:8, yintoni esiyinikiweyo nguThixo?

Ubabalo “[yi]mfesane esingafanelanga kuyenzelwa.” Isisipho ongakwaziyo ukusibanga. UThixo uthulule ubabalo lwaKhe kweli lizwe kanye, ukuba nje besinokuthi singalwali, ubabalo beluya kufikelela ezantsi namandla ezulu buhlanganiswe kwisipho sobabalo (2 Kor. 8:9). Neengelosi zikhwankqisiwe sesi sipho sokugqibela (1 Pet. 1:12). Ngaphandle kokuthandabuza: kuzo zonke izinto uThixo asinika zona, ubabalo esilunikwayo kuYesu Kristu sesona sipho sixabisekileyo kuzo zonke. Ngaphandle kobabalo, besingayi kuba nalo ithemba. Igalelo elithiyekileyo lesono eluntwini likhulu kakhulu ukuba abantu bangakwazi ukuzikhulula kulo. Nokuthobela umthetho kaThixo akungeke kusibuyisele ebomini. “Umthetho onako ukudlisa ubomi, kuhleliwe nje, ngebuphume emthethweni lowo ubulungisa” (Gal. 3:21). Ngapha koko, ukuba umthetho ubunako ukusisindisa, ibingaba ngumthetho kaThixo. UPawulos uthi, nalowo awukwazi ukuyenza loo nto. Ukuba siza kusindiswa, kuya kuba kungobabalo.

Funda: 1 Petros 4:10. Ubugosa balamene njani nobabalo? Chaza indlela ukunikela kuThixo nakwabanye okubonisa ngayo ubabalo lwaKhe.

UPetros wathi, njengoko sizuze isipho sobabalo lukaThixo, kufuneka nathi sibe “ngamagosa amahle obabalo ngobabalo lukaThixo” (1 Pet. 4:10). Oko kukuthi, uThixo usinike izipho; ngoko ke, sidinga ukubuyisela koko sikunikiweyo. Oko sikuzuzileyo, ngobabalo, asikuko okokuzikhulisa nokufanele thina, kodwa kokokuhambisela phambili iindaba ezilungileyo. Siphawe ngesisa (nto leyo elubabalo); ngesisa ke ngoko, simele ukupha ngayo yonke indlela esinako ngayo.

Cinga ngako konke owakuphiwa nguThixo. Zeziphi iindlela wena, ngoko, onokuba ligosa lobabalo ngazo, nawe oluphiwe ngesisa?

Owona Mnikelo Wethu Ulunge Kakhulu

Funda: Luka 7:37–47. Lisifundisa ntoni eli bali ngeyona nto eyiyo esiqhubayo ukuba sinikele kuThixo?

UMariya wangena egumbini wambona uYesu engqiyamile etafileni. Waphula ihlala lelabhastile [elalinesiqholo esinuka kamnandi] wagalela kuYe. Abanye bacinga ukuba isenzo sakhe asilunganga, becominga ngokuthi ubomi awayebuphila babungekho emthethweni. UMariya yena wayekhululwe ekubeni nedemon (Luka 8:2). Wathi emva kokuba ebone ukuvuswa kukaLazaro, wathabatheka kakhulu ngumbulelo. Isiqholo sakhe sasiyeyona nto enexabiso elikhulu anayo, yaza yaba yindlela yakhe yokubonisa umbulelo kuYesu. Eli bali linqakula into emele ukuba yeyona isiqhubayo ekunikeleni iminikelo yethu: umbulelo. Ngapha koko, yeyiphi enye indlela ebesingabulela ngayo kwisipho esixabiso laso lingenamlinganiso sobabalo lukaThixo? Ububele baKhe busikhuthazela ukuba siphe, kuthi xa sihlangene nombulelo wethu, kokubini kwenze izixhobo zeminikelo ethetha okukhulu, kuquka ixesha lethu, iitalente, indyabo, nemizimba.

Funda: Exodus 34:26, Levitikus 22:19–24, noNumeri 18:29. Nangona imeko yahluke kakhulu kweyanamhlanje, uthini umthetho-siseko esinokuwufumana kwezi ndima ngokubhekiselele kwiminikelo yethu?

Eyona minikelo yethu mihle ingabonakala inganelanga emehlweni ethu, kodwa ibalulekile kwakaThixo. Ukupha uThixo eyona nto intle, kubonisa ukuba simbeka ekuqaleni ebomini bethu. Asinikeli ukuze sizuze uthando; endaweni yoko, sinikela oko sinako ngenxa yombulelo ngoko sele sikuphiwe kuKristu Yesu.

“Ukuzinikela okupheleleyo nobubele, bukhuthazwa luthando olunombulelo, kuya kwenza ukuba nowona mnikelo mncinane, umbingelelo onentumekelelo, ivumba elingcwele, lusenze isipho sibe nexabiso elingenamlinganiso. Phofu ke, emva kokuziyekela ngokukhululekileyo kuMhlanguli, konke esinokunikela, nokuba kunexabiso elingakanani kuthi, ukuba sithi silibone ityala esinalo lombulelo kuThixo njengoko linjalo ngokwenene, konke esinokuba sikunikele kuya kubonakala kuthi kunganelanga, kukuncinane. Zona iingelosi ziyayithabatha le minikelo, ekhangeleka ingento kuthi, ziyibeke ingumnikelo olivumba elimnandi phambi kwetrone, ize yamkeleke.”—Ellen G. White, *Testimonies for the Church*, vol. 3, p. 397.

Injongo Eziqhuba Intliziyo

Kwisifundo sangaphambili, siye saphawula ibali lokunikela ngesisa komhlolokazi. Nangona wawumncinane kakhulu xa uthelekiswa neminye iminikelo, wawungowobubele kuba wawubonisa indalo yenene yesimilo nentliziyo, nto leyo eyenza ukuba uYesu athi, “Lo mhlolokazi usweleyo uphose ngaphezu kwabo bonke” (Luka 21:3). NguThixo yedwa (Yakobi 4:12) ozaziyo injongo ezizizo (IMiz. 16:2; bona naku-1 Kor. 4:5). Kuyenzeka ukuba nesenzo esilungileyo ngeenjongo ezingezizo. Ukunikela kuthatyathwa kwintabalala akudingi lukholo, kodwa ukunikela okungumbingelelo ukuze kulungelwe abanye, kunako ngokwenene ukuba nento okuyithethayo enamandla kakhulu ngeentliziyo zethu.

Funda: 2 Korinte 8:8–15. Uthetha ngantoni apha uPawulos ngokubhekiselele ekunikeleni neenjongo zokunikela? Ithini imithetho-siseko esinokuyithabatha kwezi ndima ngokubhekiselele ebugoseni?

Nokuba ithini injongo ekuqhubayo ekunikeleni kwakho, iphakathi kokuqhubekayo ukusuka kuwe kuse kwabanye. Imfazwe kokuqhubekayo phakathi kokubawa nokupha iliwa kakhulu rhoqo kunayo nayiphi imfazwe kamoya. Umona uya kuyibandisa ceke intliziyo eyayivutha ngaphambili ngumlilo kaThixo. Ingxaki ibakho xa sikuvumela ukubawa ukuba kungene emaveni okanye kubekho kubuKristu bethu. Oko kukuthi, sifumana iindlela zokuzithethelela ukuze oko sikwenze egameni likaKristu.

Ekugqibeleni, kufikwa kwigama elinye: uthando. Uthando alunako ukubonakaliswa ngaphandle kokuzilandula, intumekelelo yokuzinikela, nokuba kungokuzincama, ukuze kulungelwe abanye. Ngaphandle kokuba uthando lukaThixo lubonakaliswe ebomini bethu, ukunikela kwethu akusayi kulubonakalisa uthando lukaThixo. Intliziyo enomona ikholisa ukuzithanda yona ngokwayo. Masicela iNkosi ukuba “yaluse inyama yentliziyo yethu” (Dut. 10:16) ukuze sifunde ukuthanda njengoko nathi sithandiwe. Uthando, isiseko sabo bonke ububele benene, luhlanganisa bonke ububele bomKristu. Uthando lukaThixo olujongiswe kuthi lusikhuthaza ukuba nathi sithande, lwaye ngokwenene luyinjongo ephezulu esiqhubayo ukuba sinikele.

Yintoni engalunganga, ukuba ikho, nomnikelo wokuzithandela onikelwa ngokutyhalwa kakhulu yingqondo ethi kunyanzelekile kunokutyhalwa yingqondo nothando?

Amava Okupha

Ukuba uKristu weza kutyhila kuthi isimilo sikaThixo, into enye ekufuneka icacile ngoku: UThixo uyasithanda, kwaye usifunela kuphela okulungileyo. Usicela ukuba senze kuphela oko kululutho kuthi, kungabi yinxwaleko. Oku kunokuquka, ukusibiza kwaKhe ukuba sibe ngabaphi abanobubele nabachwayitileyo ngezinto esiziphiweyo. Iminikelo yokuzithandela nenobubele esiyinikelayo ilulutho kuthi banikelayo kwanje ngakwabo bayifumanayo. Kuphela ngabo bapha ngale ndlela abakwazi ngokwabo ukuba kungakanani ukusikelelwa ngaphezulu ukupha ngaphezu kokuphiwa.

Funda: 2 Korinte 9:6, 7. Le ndima ikuhlanganisa njani ukuba ukupha kungantoni na?

Ukunikela ngesisa kunako ukuba sisenzo sasemoyeni somntu ngendlela eyodwa. Ngumsebenzi wokholo, ukubonakalisa umbulelo woko sikunikiweyo kuKristu.

Kuthi, njengaso nasiphi isenzo sokholo, ukupha, kuphela kunyusa ukholo, kuba “ukholo olungenamisebenzi lufile” (Yakobi 2:20). Ayikho enye indlela engcono yokunyusa ukholo ukudlula ukuluphila ukholo lwethu, into ethetha ukwenza izinto ezihlume kukholo lwethu, eziphuma kulo. Ngexesha sinikela, ngokukhululekileyo nangesisa, sithi ngendlela yethu sibonakalalise isimilo sikaKristu. Sifunda ngakumbi ngokuba unjani uThixo ngokuba naYe ezenzweni zethu. Ngoko ke, ukunikela ngolu hlobo, kwakha kuphela ukumthamba uThixo kwanethuba “lokuva, sibone ukuba ulungile uYehova. Hayi uyolo lomfo ozimela ngaye!” (Nd. 34:8).

“Kuya kubonwa ukuba, ubuqaqawuli obubengezela ebusweni bukaYesu bubuqaqawuli bothando lokuzibingelela. Ngokukhanya okuphuma eKalvari, kuya kubonwa ukuba umthetho wothando lokuzincama ngumthetho wobomi bomhlaba nezulu; nokuba uthando “[olu]ngafuni okukokwalo” lumpompoza luphuma entliziyweni kaThixo; nokuba, kuLowo unobulali uthobekileyo kubonakalaliswe isimilo saLowo uhleli ekukhanyeni, ekungekho namnye umntu unako ukumbona.”—Ellen G. White, *The Desire of Ages*, p. 20.

Kungaziphi iindlela okhe waxhamla ubunyaniso bendlela ukholo olukhula ngayo ngokunikela ngokukhululekileyo nangesisa kwizinto oziphiweyo?

Ingcamango Eyongeziweyo: “Umoya wesisa ngumoya weZulu. Umoya womona ngumoya kaSathana. Uthando oluzincamayo lukaKristu lutyhilwe emnqamlezweni. Wanikela konke anako, emva koko wazinikela, kuze umntu asindiswe. Umnqamlezo kaKristu wenza ubizo kububele bakhe wonke umlandeli woMsindisi osikelelekileyo. Umthetho-siseko obonakalaliswa apho kukupha, kuphiwe. Xa oku kwenziwe ngesisa senene, ithi imisebenzi elungileyo ibe sisiqhamo sobomi bobuKristu. Umthetho-siseko wabathandi behlabathi kukuzuzwa, bazuze, baze ngolo hlobo balindele ukuzuzwa ulonwabo; kodwa xa oku kwenziwe ngako konke okukuthweleyo, isiqhamo siba yinkxwaleko nokufa.”—Ellen G. White, in *Advent Review and Sabbath Herald*, Oct. 17, 1882.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Yintoni le ingokubawa eyenza ukuba kuchasane nomoya kaKristu? Zinto zini ezisengqondweni esinokuzenza ukunceda ukukhusela iziqu zethu kwingqondo yemveli yomntu owayayo [owangena esonweni]?
2. “Elovo makanike njengoko agqibe ngako entliziyweni; makungabi kokuphuma kabuhlungu, nangokunyanzelwa; kuba uThixo uthanda umphi ochwayitileyo” (2 Kor. 9:7). EsiGrikeni, igama eliguqulwe “ukuchwayita” livele kwakanye kwiTestamente eNtsha kwaye liligama ekuphuma kulo igama lesiNgesi “ukugcoba.” Isixelela ntoni le nto ngengqondo okanye umoya esimele ukuba nawo xa sisipha?
3. Yenza uludwe lwakho konke okuphiwe nguThixo. Kuthandazele oku ukubhale phantsi. Lunokusifundisa ntoni olu ludwe ngokuba kutheni simele ukunikela ngenzuzo [ingeniso] yoku besikunikiwe? Kwangelo xesha linye, uludwe lwakho lukufundisa ntoni ngendlela yokuba, nezona zipho zihle zethu, zinikelwe ngezona njongo zilungileyo, zinokubonakala zingenaxabiso xa zithelekiswa noko sikufumeneyo?
4. Kutheni le nto ukuzithanda [umona] kuyindlela eqinisekileyo yokuzenza ukuba uxhwaleke?
5. Cinga ngomntu ebandleni lakho ngoku onentswelo eluhlobo oluthile. Yintoni onokuyenza, kanye ngoku, enokufikelela kuye imncede lo mntu okanye abantu? Ungenza ntoni nokuba ivakala kabuhlungu kwelakho icala?